

Ngelokugxininisa ukubaluleka kwedabi lokulwa ubuNdlobongela obuSekelwe kwiSini nokuBulawa kwamaNina (i-GBVF) kwiNtetho enguBume beSizwe yowama-2024 ePalamente, uMongameli Cyril Ramaphosa wavakalisa inkxaso kwisiBhambathiso seSizwe esichasene ne-GBVF apho onke amadoda aza kuzibophelela, indoda nganye, ekupheliseni ubundlobongela obenziwa kumanina.

ISIBHAMBATHISO SAMADODA OMZANTSI AFRIKA SOKULWA UBUNDLOBONGELA OBUSEKELWE KWISINI NOKUBULAWA KWAMANINA

NJENGENDODA, NDIYATHEMBISA UKUBA NDIYAKUSOLOKO:

1. Ndiwathatha amanina ngokuba ayalingana nam.
2. Ndithatha umntu ongumfazi njengomntu, hayi njengento okanye impahla yam.
3. Ndiwaxhasa amanina kangangoko ndinako ndize ndidlale indima enkulu ekulweni umkhuba wokudlwengula ndize ndiphelise zonke iintlobo zokucalula, ukuxhaphaza okanye ubundlobongela obenziwa kumanina.
4. Ndiwagxeka amadoda aziphethe kakubi okanye athetha izinto ezingafanelekanga ngamanina.
5. Ndimhlonipha umntu ongumfazi ngale ndlela ndihlonipha ngayo indoda kuba intlonipho, ulingwano kunye namalungelo oluntu abo bonke abemi boMzantsi Afrika kufuneka ahlonitshwe ngalo lonke ixesha.
6. Ndingumzekelo oza kufundisa amakhwenkwe ekhayeni lam nasekuhlaleni ukuba ukubonakalisa iimvakalelo akuthethi ukuba abangamododa oqobo, ukuba iimbambano azisonjululwa ngokusebenzisa ubundlobongela nokuba amanina kufuneka aphathwe ngembeko.
7. Amanye amanina ndiwaphatha ngale ndlela ndinokuthanda aphathwe ngayo umama wam, udade wethu okanye intombi yam.
8. Ndisilwela ukhuseleko nempilo yabantwana kwaye ndizichase zonke iintlobo zokuxhaphaza nezobundlobongela.
9. Ndiyikhalimela ndize ndiyilungise imikhutyana engafanelekanga eyenziwa ebantwaneni ngoontanga babo kunye nabantu abadala.

NJENGENDODA, NDIYATHEMBISA UKUBA ANDISOZE:

1. Ndiphakamise isandla kumntu ongumfazi.
2. Ndigrogrise, ndoyise okanye ndanyelise nawuphina umntu ongumfazi, nokuba kungokomzimba, ngamazwi, ngokomoya womphefumlo okanye ngokwesini, okanye ndivumele ukuba omnye umntu enze loo nto.
3. Ndiqhubeleke nokusasaza iintetho ezingoyonyani ngamanina okanye ndithathe isigqibo ngomntu ongumfazi ngokujonga nje into ayinxibileyo.
4. Ndenze umntu ongumfazi angaziva kamnandi ngendlela endimjonge ngayo, ngamazwi wam okanye ngezenzo zam okanye azive engakhululekanga ngobukho bam.
5. Ndimphatha-phathe okanye ndabelane ngesondo nomntu ongumfazi ngaphandle kwemvume yakhe ecace gca okanye ndimnyanzelise ukuba enze into angayifuniyo.

6. Ndikhuthaze okanye ndithule xa ndibona ubundlobongela obusekelwe kwisini.
7. Ndizibaleke izinto eziluxanduva lwam njengotata, ukuba ndinabantwana.
8. Ndisebenzise indawo endibekwa kuyo ekhaya, ekuhlaleni okanye isikhundla sam emsebenzini ndinyhashe amalungelo oluntu amanina futhi ndanyelise nesidima sabo.
9. Ndenze umntwana azive engakhuselekanga okanye engonwabanga nje ngobukho bam, ngamazwi okanye ngezenzo zam.
- 10 Ndiphatha-phathe umntwana ngendlela engafanelekanga okanye ndingazihloniphi izinto azifunayo.

Tyikitya isibhambathiso apha:
